basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

CANZIBE/SILIMELA 2026

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 100

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.

IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo:
  Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.
- Nangona umviwa ekhuthazwa ukuba abhale inombolo nesihloko sombuzo kuyacetyiswa ukuba othe waphazama akasibhala isihloko enombole ngokuchanekileyo anganyityelwa manqaku.
- Xa umviwa edlulisile kwinani lamagama amiselweyo kwimpendulo yakhe makanganyityelwa manqaku kuba irubrikhi sele iziqingqile izohlwayo.

IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA

ICANDELO A: ISINCOKO

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko ifumaneka kwiphepha le-16 ukuya kwele-16 lesi sikhokelo sokumakisha.

IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO	
IMIQATHANGO	**AMANQAKU**
UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	5
AMANQAKU EWONKE	50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-18 lesi sikhokelo sokumakisha.

IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO	
IMIQATHANGO	**AMANQAKU**
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	25

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.

2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

QAPHELA:

- Iifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

QAPHELA:

- **Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa <u>kuphela</u> njengesikhokelo kubamakishi.**
- **Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.**

ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala naluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi ngesihloko asikhethileyo.

IIMPAWU ZESINCOKO

Isincoko esibalisayo:

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.
- Masibonise ulwazi ngesihloko esikhethiweyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace kwezo zingunobangela wezinye, kungenjalo sisebenzise izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokugqibela.
- Sisebenzise amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzise intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa xa kufuneka njalo.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube loludala ifuthe nochukumiseko kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo:

- Sinokusebenzisa ixesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo izixhobo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

Isincoko esicamngcayo:

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo izixhobo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

Isincoko esixoxayo:

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

Kwisincoko esivelela amacala omabini:

- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni kwawo, kodwa masilunike olombhali wesincoko uluvo xa sivala.
- Sikuxoxela okuthile sichasa/sivuma sikwanika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Masibonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

UMBUZO 1

1.1 **Wazithunga zonke iidolophu wabuya ne ...**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 45)
Masicace ukuba sibhalelwe ukuba sifundwe nangubani.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

Umxholo:

- Singalibali lemini enye/lenyanga/lonyaka/lobomi ngomntu ogqiba iidolophu efuna into ethile/elahlekile engaziwa ngabanye/esaziwa ehamba into engenagama nenesiphumo esilihamte/esihle.
- Intsusa/unobangela wokuhamba iidolophu neziphumo/indlela ahambe ngayo iyabaluleka
- Kubalulekile ukuba idolophu ingabinye.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo needolophu.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo (izingxi, iziphumlisi, onobumba abakhulu.) **[50]**

1.2 **Ulwazi lunje ke**

Isincoko singachaza/balisa/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:
- Singayinkcaza yolwazi/izinto ezenziwayo ezibonakalisa ulwazi/ubuncinci/ ubukhulu/ububanzi.
- Singangeziphumo ezihle nezibi/iimeko malunga nolwazi- ukunqongophala nobunzulu balo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Ithoni eqhuba ukuchaphazeleka kobhalayo kumba athetha ngawo.
- Ulwimi oluchukumisayo, izichazi, izihlomelo, izifanekisozwi ezidala umfanekiso novakalelo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokutsala iinkumbulo ngenjongo yokudala umfanekiso.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.3 **Ndisazibuza nangoku, kwenzeka ntoni ukuze silahleke**

Isincoko singacamngca/balisa/chaza//xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:
- Singangamava okulahleka aqhuba umbuzo ozingileyo/wokungaqondi unobangela wokuzibona belahleka (ekukhuleni/endleleni/ezifundweni/ kwimikhwa yokuphila). (Nayiphi imeko yokulahleka emxhalisayo).

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.
- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo namaxesha ezayo/ nexesha elimiyo lamkelekile.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo eziquka izixhobo zokubuza. **[50]**

1.4 **Kubamnyama kakade xa kuza kukhanya**

Isincoko singacamngca/balisa/chaza/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:

- Singayimeko/ibali/lemini enye/leemini/eziliqela/isiganeko/iziganeko ezincindi krakra ebomini, nezisuke zabanobumnandi ekuhambeni kwexesha.
- Singangemeko ebisele ilahle ithemba kodwa ekugqibeleni kukhanye.
- Singayintlungu kwiimeko ezingavumiyo/kwindawo azibona selekuyo kodwa likho ithemba lokulunga.
- Singayingxubevange yezinto kumhlathi nomhlathi ekhuthaza umoya wokulindela ukhanyo oluzayo ngomzamo. (Isenokwenza kube kubi kwindawo ekukhangeleka kungamele kubakubi/ekumele ukuba kuyonwatywa kuyo).

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.5 **Ukwenza nje-e kungakwakha ... kungakuchitha**

Isincoko singaxoxela amacala amabini/sicamngce/xoxela icala elinye/ balisa/chaza. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:

- Singangemeko apho umntu enza nje-e alungelwe nakwimeko apho umntu anokungena engxakini ngenxa yokwenza ngokungakhathali/ngokungaqiqi/ ngokubambisa/ngokuhambisa ixesha/ngokungafuni ukuvulela isikhewu esingenanto.
- Singaziinkumbulo ngamazwi awakhayo/achithayo kubomi bakhe /bomnye umntu.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokununga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.6 **Le intanethi sisisombululo esiyingxaki!**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:

- Singatyhila amava ngobomi bokusebenzisa i-intanethi umkhethe obasisiphumo/ubomi obungcono/abantu abathile abafikelela kwi-intanethi abanye bengafikeleli/ukubayingxaki/ukubasisisombululo entlalweni gabalala.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokununga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi achanekileyo ngokushiyana kweemeko zengxoxo/ zokubalisa.
- Imo yokungathiza igqamile nentethongqo apho kuyimfuneko.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:
- Singalibali lemini enye/isiganeko/semini apho isandla sasibandakanyeke khona.
- Singangeendidi zezandla/ izimvo ngesandla/ukubaluleka kwesandla.
- Singangekhariye yezezandla (Ubuqeqeshi/imbalasane kwezezandla/ njalo njalo).
- Singangegalelo lokungalingani kweminwe yesandla – iingxaki nokungeyongxaki ngaso/ ekwenzeni umanyano/ukukwazi ukuzimela.
- Singangokubaluleka kokwenza okwezandla

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokununga ezifanelekileyo.
- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo/kweemeko zengxoxo.
- Ingxelontetho nentethongqo/imo yokungathiza/yolandelelwano ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

Umxholo:
- Singangoncedo lombane nobungozi bawo.
- Singangokungakhathali okuneziphumo ezibi.
- Singangeekhariye kwilizwe lombane.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

Ulwimi:
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.
- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo nganye mabube li-100–120 lamagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Udidi lomhlathi malubeyileta yobuhlobo.
- Iimpawu zeleta yobuhlobo ezizezi: idilesi enye kuphela, iqalwe kwisiqingatha sephepha ime, ingaxwesi. Igama lesitalato, ilokishi nedolophu zibhalwa ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezi). Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi. (Inyanga mayibhalwe ngokwamagama ingengawo amanani umz. 30 Meyi 2026)
- Mayishiye umgca emva kwedilesi.
- Isibuliso esibhalwe ngesiXhosa masihambelane nombuzo kunye nomhlobo wakhe ambize ngegama.
- Mayishiye umgca emva kwesibuliso.
- Isiphelo sibeseseleta yobuhlobo size silandelwe ligama lalowo ubhalayo.
- Mayingasebenzisi izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.
- Mayibhalelwe isizalwane esikhethiweyo/esithiywe igama nodidi lwesizalwane.
- Injongo yokubhala ileta kukukhalazela indlela isizalwane esivakalisa ngayo ukukhathazeka kwaso.
- Umhlathi wokuqala mawuqulathe injongo yokubhala.
- Umhlathi olandelayo mawunike iinkcukacha zesikhalazo.
- Umhlathi olandelayo unike iimvakalelo neengcebiso malunga nesisombululo ngokukhalazelwayo.

Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]
- Mayisebenzise ulwimi olungekho sesikweni.
- Ithoni nerejista mazibonise intobeko.
- Uchongo magama maluchaneke ngokwenjongo ekukukhalaza.

Iimpawu zobhalo nopelo maluchaneke. **[25]**

2.2 **ILETA EYA KUMHLELI**

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Udidi lomhlathi malube yileta esesikweni eya kumhleli ibhalwe ngokomhlathi. Idilesi yombhali/yomntu othumelayo mayiphelele. [Xa engayibhalanga phezulu phaya idilesi yakhe angayibhala emazantsi]
- Umhla wokubhalwa kweleta mawuvele phezulu phaya kanye emva kwedilesi yombhali.
- Mayibhalwe idilesi yombhalelwa- QAPHELA Umbhalelwa mayibengumhleli wephephandaba *iZonwabele*.
- Mawubhalwe umcimbi ekuphawulwa ngawo- (umgca omnye) ukrwelelwe umgca umcimbi xa ubhalwe ngoonobumba abancinci
- Isibuliso masicacise - ukuba iya kubani. Mhlekazi/Nkosazana/[Ummakishi makakhumbule ukuba obhalelwayo ukhethwe ngumbhali ngokwakhe makangabi ngumntu osini singaziwayo angabina-okanye.]
- Isiphelo masibeseseleta esesikweni ngolu landelelwano: [ukuzithoba, isikhundla abhala ngaso, intsayinogama negama elikhatshwa yifani.]
- Kwakumhlathi wokuqala malaziswe igama lombhali nomba abhala ngawo zinikwe iinkcukacha zonke. Khumbula ukuba kuphendulwa/kulungiswa ukungangqamani kubunyani. Malikhunjulwe igama lakhe nephephandaba elikhuphe iindaba libenegama, ingxaki ichazwe ingxaki.
- Umhlathi olandelayo mawandise ucacise umba osembuzweni. [Nika ingcaciso ngobunzulu bengxaki/ingcaciso iimvakalelo malunga nokuhanjiswa kolwazi olungachanekanga.]
- Kumhlathi wokugqibela kulindeleke isisombululo sengxaki yokupapasheka ngokungachanekanga (esinokwenziwa liphephandaba elikhuphe iindaba, hayi iinkundla zamatyala, kwaye kufuneka sicaciswe.)

Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela:[10]

- Ithoni nerejista zisesikweni zinokuzithoba.
- Ulwimi malube lolusesikweni, luvakale, lusulungekile.
- Iimpawu zobhalo mazilwenze luvakale, luyondelelane, lucace lubesemxholweni ubhalo.
- Mayingabi nabukrwada/nalugxagxamiso/nakukruquka kuba isenozibona ingasapapashwanga xa utyeshelwe lo mqathango. **[25]**

2.3 **UDLIWANONDLEBE**

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Lunesihloko, intshayelelo ekwizibiyeli (izalathisi zeqonga) umzekelo: indawo, ixesha izithethi nomba ekudliwana indlebe ngawo.
- Ukushiywa kwemigca phakathi kwezithethi/ kweentetho.
- Intetho mpendulwano-obuzayo nophendulayo.
- Ikwimo yentethongqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Isithethi masibhalwe ngasekhohlo ephepheni, ze silandelwe yikholon [:]
- Ingcaciso engenye mayibhalwe kwizibiyeli (). Umzekelo: ingcaciso ebonisa intshukumo, iimvakalelo neemeko abakuzo aba bathethayo (umzekelo: ehleka).
- Izithethi zibini omnye ngumbuzi omnye uyaphendula.

- Injongo kukufumanisa ukulungela kukaLinda umsebenzi.
- Ibinza ngalinye malicace ukuba lingantoni(a) ukwamkelwa komdliwandlebe, (b) iinkcukacha malunga nezifundo, (c) iinkcukacha malunga nemfundo engqale kwizakhono, (d) amava ngomsebenzi (e) kuvalwe ngokubulelana kwezithethi.

Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]

- Ithoni nerejista esesikweni.
- Kubhalwa kwixesha langoku ze kusetyenziswe elidlulileyo/eladlulayo xa kubhekiswa kwisiganeko esithile.
- Uchongomagama maluchaneke kwinjongo.
- Iimpawu zokubhala ezihambelana nokubhalwa kwentethompendulo. **[25]**

2.4 INQAKU LEMAGAZINI

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Libhalwe ngokomhlathi, linesihloko:
- Le mihlathi ingabhalwa ngemo yeekholam.
- Isihloko masibe sifutshane sitsale umdla wabantu.
- Isihloko masiqulathe owona ndoqo wenqaku.
- Amagama alowo ubhale inqaku makavele ezantsi kwesihloko.
- Makubhalwe okuyinyani okwenzekileyo hayi uluvo.
- Maliqulathe iindlela zokukhetha umhlobo wokwenyani.
- Malikhankanywe igama lomthombo ekuzuzwe kuwo ulwazi olucatshulweyo, ukuba ngumntu makakhankanywe.

Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]

- Makusetyenziswe isigama esichukumisayo.
- Inqaku malibhalwe kumntu wesithathu.
- Kunokusetyenziswa intethongqo efakwe kwiimpawu zocaphulo xa kucatshulwa iintetho zabantu.
- Izenzi ezikwixesha langoku nexesha eladlulayo ziyasetyenziswa.
- Linokusebenzisa umxube wolwimi olusesikweni nolungekho sesikweni ngakumbi oluquka iintetho zemihla ngemihla.
- Ulwimi olucengayo.
- Ingasetyenziswa imifanekiso ngqondweni nenkcazelo. **[25]**

2.5 INTETHO ESESIKWENI

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Mayibenesihloko, yakhiwe ngokomhlathi.
- Ibhalelwa abahlali bengingqi.
- Injongo kukuqinisekisa intsebenziswano phakathi kwabahlali nekontraka ukuze kuphumelele ulwakhiwo lwebhulorho.

- Umhlathi wentshayelelo mawuthengise ingcamango (ukubaluleka kwentsebenziswano kuphuhliso lwengingqi yesithethi.) unike nenjongo yentetho, iingongoma intetho eza kuchankcatha kuzo, utsale umdla wabaphulaphuli.
- Mayitsale umdla wabaphulaphuli (umviwa angenza ibalana/umzekeliso/ umzekelo ozalana nentetho le aza kuyenza).
- Mayinxibelelane/inxulumane nabaphulaphuleyo (unokuthetha ngamava/ ngemeko/ngesimo esaziwa ngumntu wonke, kwabo baphulaphuleyo).
- Umhlathi/imihlathana elandelayo iqulethe iingongoma eziphambili zomyalezo ebesezikhankanyiwe xa bekusenziwa intshayelelo.
- Ingagxininisa ngokumana iphindaphinda ingongoma ebalulekileyo okanye isebenzise izixhobo zokubethelela ezivunyiweyo zolwimi.
- Angasetyenziswa amabalana ahlekisayo amafutshane/iintetho ezihlekisayo ukucacisa nokugxininisa okuthethwayo ukuze igcine abaphulaphuli benomdla.
- Umhlathi olandelayo ushwankathele iingongoma eziphambili ezibubethelela ukuze abaphulaphuli bahlale bezikhumbula.
- Mayibe nophawu olubonisa ukuba iyaphela, ifikelele esiphelweni. Umzekelo amagama anjengo-'elokugqiba'/'ndivala ngelithi …

Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]

- Irejista indilisekile kuba yenzelwa abantu abangasondelanga kulo uyinikezelayo ngoko ke nesigama sibonisa undiliseko.
- Ithoni yecengayo ithundeza nokuthundeza.
- Makusetyenziswe isigama esichukumisayo.
- Umxube wezivakalisi ezifutshane nezide uhambisa, womeleze umyalezo. **[25]**

2.6 **INGXELO ENGEKHO SIKWENI**

Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Mayibenesihloko, ibhalwe ngokomhlathi.
- Mayinikwe ikhaya/ilungu losapho/abantu bekhaya.
- Injongo kukunika ingxelo ngeziphumo zophando malunga nekhondo alikhethayo.
- Imihlathi (esukela kwisithathu) mayibenezihloko eziqhutywa yile mixholo: Igama lekhondo neenkcukacha zalo, okufumanisileyo ngekhondo nokulifumana, izindululo onazo.
- Malibekho igama lombhali nomhla wokunikezwa kwengxelo.

Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]

- Ulwimi lolusesikweni, ithoni yesesikweni.
- Ingxelontetho igqamile, izenzi zezexesha elidlulileyo.
- Kungasetyenziswa ixesha langoku nezivakalisi ezichanekileyo.
- Iimpawu zobhalo nopelo ezichanekileyo. **[25]**

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

Imiqathango		Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO NOCWANGCISO **(Impendulo nezimvo**) Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. **30 AMANQAKU**	**Inqwanqwa eliphakamileyo**	**28–30**	**22–24**	**16–18**	**10–12**	**4–6**
		-Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile. -Izimvo eziqiqisisiweyo, ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo. -Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo ixongxwe ngobugcisa. -Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa. -Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo iyanelisa. -Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni. -Ilungelelanisiwe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo.	-Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo. -Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	-Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo. -Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani.
	Inqwanqwa elingezantsi	**25–27**	**19–21**	**13–15**	**7–9**	**0–3**
		-Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenkqeza phambili. -Izimvo ezivuthiweyo neziqiqisisiweyo. -Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa. zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	-Impendulo ixongxwe kakuhle. -Izimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso. -Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo. -Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa. -Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano.	-Akukho linge lokuphendula isihloko. -Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga. -Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyu-bhutyu.

ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo. Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, limpawu zokubhala, igrama, nopelo. **15 AMANQAKU**	**Ingwangwa eliphakamileyo**	**14–15**	**11–12**	**8–9**	**5–6**	**0–3**
		-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa obukhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle kakhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama sinqongophele kakhulu.	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo.
	Ingwangwa elingezantsi	**13**	**10**	**7**	**4**	
		-Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa.	-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile. -Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile. -Zimbalwa iziphene zegrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya. -Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga. -Kuncinci okanye akukho ukohluka –hlukana kwezivakalisi. -Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo.	
ISAKHIWO limpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi. **5 AMANQAKU**		**5**	**4**	**3**	**2**	**0–1**
		-Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -Iinkcukacha ezigqwesileyo. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo.	-Iinkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisisiweyo. -Ziyathungelana. -Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene.	-Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxholweni. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisemxholweni.	-Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. -Isincoko sisemxholweni nangona zisekhona iziphene.	-Amanqaku asemxholweni awakho. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyubhutyu. -Isincoko siphume kwaphela emxholweni.

ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI -Impendulo nezimvo. -Ulungelelwaniso lwezimvo. nokucwangcisa -Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo. **15 AMANQAKU**	**13–15**	**10–12**	**7–9**	**4–6**	**0–3**
	-Impendulo egqwesileyo ngaphezu koko bekulindelekile. -Izimvo ziqiqisisiwe zivuthiwe. -Ulwazi lunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo. -Ubhalo lusemxholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	-Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi. Izimvo ziqiqisisiwe. -Ubhalo lusemxholweni. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kubonakala kucace kakuhle kakhulu. -Iinkcukacha zisixhasa ngokuqiqiweyo isihloko. -Ubukhulu becala Ifomathi ifanelekile ineziphene ezingephi.	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. Izimvo ziyanelisa. -Ayikho mxholweni ngokupheleleyo. -Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni. -Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo. -Ubukhulu becala iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Impendulo inokuhambelana okungephi nombuzo Ikwabonakalisa ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo. -Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Impendulo ebonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Intsingiselo ilahlekile kwaye awukho mxholweni kwaphela. -Ayithungelani kumxholo nezimvo. -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/ imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo. Uchongo magama. Iimpawu zokubhala nopelo. **10 AMANQAKU**	**9–10**	**7–8**	**5–6**	**3–4**	**0–2**
	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo. -Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo -Isigama sichaneke kakuhle. -Ubukhulu becala akukho ziphene.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi. -kukho isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. -Intsingiselo ilahlekile.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelani nenjongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.